

VERBIND TOT
TRANSFORMERING
COMMITTED TO
TRANSFORMING
SIYAZIBOPHELELA
KUTSHINTSHO



UNIVERSITEIT
iYUNIVESITHI
STELLENBOSCH
UNIVERSITY

100
1918 · 2018

saam vorentoe · masiye phambili · forward together



ITSHATA YEFAKHALTHI

IYunivesithi yaseStellenbosch, kwiFakhalthi yezoNyango nezeeNzululwazi kwezeMpilo iyavuma, izisola yaye ixolisa ngokwenene ngokuzibandakanya kwimbali yolawulo lwamandulo olwalunezenzo ezingenabulungisa eMzantsi Afrika kananjalo siyaqwalasela impembelelo yendlela olu lawulo luthle lwaqhubeka ngalo lukhuthaza ukungalingani kule mihla. Asihambiselani kwaphela nazo zonke iindlela zocalu-calu, ingcinezelo, izigrogriso kwakunye nokuhlukumeza.

Siyile Fakhalthi, siyazibophelela:

- **Ukubhiyozela** zonke iintlobo-ntlobo zeenkubeko ezohlukeneyo kwiikhampasi zethu, kuquka, kodwa kungekho mda umiseweyo: wokuba nobuchule, wesini, wobuni, wemvelaphi, wolwimi, wobuhlanga, wenkubeko nemo yenkolelo.
- **Ukuqinisekisa** ukuba wonke ubani kwiikhampasi zethu azive emkelekile.
- **Ekuhlumiseni** nasekuxhobiseni iindawo apho umntu nomntu akwazi ukuveza iimbonozakhe ngokukhululekiyo, ngelixa ekwanika ingqalelo yokuhlonipha amalungelo nenkululeko yabanye abantu.
- **Ekuqhuliseni** iindawo apho ubani anokufunda, asebenze yaye eqqame; ngokuthi ubani nobani axhotyiswe ukuze afikelele kwelona qondo liphezulu ukuze abe ngummi onegalelo nenkxaxheba elizweni.
- **Ekunonopheleni** imfundo, imfundo, ukusebenza kwakunye neendawo zophando apho sisebenza nabathathi-nkxaxheba ababandakanywayo ngesidima, ngentlonipho, ngobulungisa nangendlela eselubala.
- **Ekuhuseleni** amalungelo abo bonke abathathi-nkxaxheba bethu nokuzimisela ekuqinisekiseni ifuthe lempumlelo kwiindawo esinika kuzo iinkonzo.

Abafundi

- Siyakuthi sikhuthaze intlonipho efanayo phakathi kwabafundi bethu, abasebenzi kwakunye nabanye abathathi-nkxaxheba.
- Sizimisele ukunika abafundi bethu inkxaso kananjalo sibaxhobise ngezakhono eziza kubanceda ukuba bafikelele kwelona qondo liphezulu lokuba nobuchule, inkathalo kunye nendlela yokuziphatha eyamkelekileyo njengabantu abazingcali zokusebenza nezigulane kunye neengcali zeenzululwazi.

Abasebenzi-kunye

- Siyazibophelela ukuphatha abo sisebenza nabo ngeyona ntlonipho, isidima nangendlela enobulungisa.
- Siyakuzama ukusambulula iyandukwano ngoxolo ngendlela yokuzigoca-goca, siqaphele izimo zenkubeko kunye neengqoxo ezinengqiqo eyiyo.

Izigulane

- Siyakuziphatha izigulane zethu ngenkathalo, ngendlela elungileyo, isidima kunye nentlonipho.
- Siyazibophelela ukugcina elona qondo liphezulu lwendlela esemgangathweni ophhezulu owamkelekileyo wokuziphatha kwindlela esisebenzisana ngayo nezigulane.
- Senza isibhambathiso sokuba ngabameli bamalungelo kunye nentlalo-ntle yezigulane zethu.

Uluntu

- Siyawavuma amava empilo yoluntu esinika iinkonzo kulo sikwalixabisile igalelo labo elamkelekileyo nelifanekileyo kuluhlu lweenkqubo zethu zemfundo kunye neendibano zethu noluntu olo.
- Siza kusebenzisana noluntu ngentlonipho njengamahlakani ethu ukuze sinyuse izinga lempilo engcono nokunciphisa ukungalingani entlalweni.

Uphando

- Siyakunyusa izinga lophando lwendlela yokuziphatha eyamkelekileyo, ekulula ukufikeleleka kuyo nengqamene neemeko zethu.
- Siza kuthatha inkxaxheba kuphando oluzama ukuba abo bathi bathathe inkxaxheba bakuthi baxhamle kuquka noluntu.
- Kwiinzame zethu zokusebenzela elona qondo liphakamile lezemfundo, intlalontle yabathathi-nkxaxheba bethu kwezophando iyakusoloka ibekwa phambili ngaphezulu kweminqwano yeengqaphephe kweenzululwazi.

Indalo esingqongileyo

- Sibona indalo yethu esingqongileyo ixabisekile yaye ibuthathaka kungoko sizimisele ukuyikhusele ingatshabalali yaye sizama iindlela zokunciphisa amalinge okuyenza ukuba ingaqhubeki intshabalalo lehle iqondo layo.

Sibona esi sibhambathiso njengesifundo saleFakhalthi yeZonyango neZeenzululwazi kwezeMpilo kubo bonke abathathi-nkxaxheba bethu. Siyawuma ukuba esi sibhambathiso siyakhuthaza kwaye thina singabanye-ngabanye, kuquka amalungu onke ale Fakhalthi yeZonyango neZeenzululwazi kwezeMpilo sinoxanduva lokusithathela ingqalelo esi sibhambathiso. Siya kuqhubeka ukuzibandakanya notshintsho ukuze kwenzeke oku kungentla, ngomoya othobekileyo nonika ithemba, nangendlela ehambelana noMgaqo-Siseko waseMzantsi Afrika.